

Ixesha Lonyaka Lendalo 3

IXESHA LONYAKA LENDALO 3

INkosi mayibe nani
Ibe nawe kanjalo
Phakamisani iintliziyo zenu
Siyaziphakamisela eNkosini

Masiyidumise iNkosi yendalo yonke
Masiculele eNkosini iingoma zendalo
Masibulele kuThixo, uMdali, uMthandi, noMgcini weNdalo yonke
Masigcobe kuMenzi wethu, uMgcini noMxolelanisi

Wathetha iLizwi kwaza konke okuseZulwini nasemhlabeni, zonke izinto, zaba khona. UMoya wakho wabhabha phezu kwezinto zokuqala, wazisa ukuphila ngeendlela ezininzi ngokungenakubalwa, kuquka nalo mhlaba wethu ubuthathaka, nathi siphakathi kwezinto eziphilayo kuwo.

Nanjengoko ixesha lethu elidlulileyo likuwe, kananjalo nexesha elizayo likuwe.

Njengokuba siphambukile endleleni yakho, siyaphinda kwakhona sibuyela kubushushu bothando lwakho.

Ngawe zonke izinto zifumana ubomi obutsha

Ngoku ke kunye nendalo yonke, siphakamisa amazwi ethu sivakalisa ubukhulu nobuqaqwuli begama lakho:

UyiNgcwele, uyiNgcwele, uyiNgcwele Thixo wemikhosi
Izulu lizele kwanomhlaba bubuqaqawuli bakho. Hosana enyangweni.
Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.
Hosana enyangweni.

Wathi ngobo busuku awanikelwa ngabo, wathabatha isonka, umsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, wabulela kuThixo. Wasiqhekeza isonka khonukuze athethe kuthi ngokuqhekezwa komzimba wakhe emnqamlezweni. Wasinikela kubahlobo bakhe esithi: thabathani nidle, lo ngumzimba wam onikelwa nina. Oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Wathabatha iwayini, umsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, wabulela kuThixo, uMdali. Wayigalela iwayini ethetha nathi ngokuphalala kwegazi lakhe. Wanika

abahlobo bakhe esithi:eli ligazi lam lomnqophiso omtsha, eliphalalela nina nendalo yonke khonukuze nixolelwe izono, ngamaxesha onke enisukuba niyisela iwayini, oko kwenzeleni ukundikhumbula.

Ngoko ke sivakalisa imfihlelo yokholo

UKrestu ufile
UKrestu uvukile
UKrestu uya kubuya eze

Ngako oko Thixo, thina esifuna uxolelwaniso nawe, thina esifuna uxolelwaniso nabanye, thina esinethemba loxolelwaniso nendalo yonke, sisondela kule mfihlelo.

Ngokuqhekezwa, ngokuphalala nangokungcwatywa, ubomi baphinda bavuka. Ekuqhekezweni kukho ukuvuleka, ekuphalaleni kukho iingcambu zokwabelana; ngokufa nokungcwatywa, kukho imbewu yobomi obutsha obuzayo.

Njengoko sijonge emhlabeni wethu, kubomi bethu nakwiintliziyo zethu, sijonge ukubuya kwakhe kwesibini, sigcine kufutshane nalo mbono esiwubonileyo. Ngokusinika isonka newayini, sixolelanise nelizwe lethu usiphe ubunye, umanyano oluphalalayo, nokungcwatywa okuvukileyo esinokubuyisela ngako indalo yakho kuzalisekiswe intando yakho.

Thumela ngaphezu kwethu, naphezu kwendalo yakho yonke, uMoya ozisa ubomi owaqala ukushukuma emanzini anzulu. Shukumisa kuthi isiphiwo sendalo usindise intshabalalo. Simanye nawe ngomzimba negazi loNyana wakho, iLizwi lakho lenza inyama nanjengoko iLizwi lakho sele liyenzile inyama.

Okwathi ngaye, nangaye, kuye kumanyano loMoya wakho oDalayo, nako konke okubekhona, nokukhona, kuya kuba khona kwindalo yakho, sima phambi kwakho sikunqula, Thixo wezinto zonke, ngeengoma zokudumisa zaphakade,

Intsikelelo, imbeko, uzuko namandla ngawakho ngonaphakade kanaphakade. Amen

IVEKI YOKUQALA: UKUSEBENZELA UTHIXO

Kule veki siqwalasela sikwabulela izinto esizifumana eMhlabeni Siyaqonda ukuba sibizelwe ukuba siwusebenze umhlaba siwugcine.

Isibingelelo singahonjiswa ngeziqhamo, imifuno nezityalo.

ISikolo seCawe singalungisa amaxwebhu athetha ngobuhle beHlabathi.

Isivakalisi sokuvula

“Wakubona uThixo konke akwenzileyo , nanko, kulungile kunene”

Inguquko:

Qwalaselani iindlela esithe safadalala ngazo ukulondoloza indalo kaThixo: ungcoliseko, ukwenza inkcitho,ukusebenzisa ngokugqithisileyo njl.

UMTHANDAZO

Nkosi Thixo,
Mniki nomxhasi wobomi,
Usibizele kuxanduva lokuba silondoloze indalo yakho:
Sincede ukuba sikuphendule ukusibiza kwakho ukuba sibe ngabagcini nabaphilisi boMhlaba NgoYesu Krestu iNkosi yethu, Amen.

Genesis 1:26-31 : 2: 15-20	UThixo wabeka uAdam noEfa kwiplanethe esisitiya ukuba basisebenze basilondoloze.
INdumiso 24	LelikaYehova ihlabathi nenzaliseko yalo. Alilolethu.
IZenzo 17:24-28	UThixo onguMdali wethu yiNkosi yezulu noMhlaba. Ihlabathi lizele bubukho bukaThixo, kungekuko kwisakhiwo secawe kuphela.
Mateyu 21: 33-46	UThixo umnini-mhlaba usenza ukuba sisebenzise isidiliya sakhe- ngaba siya kufana nabaya baqeshiselwa basuka bafuna ukusihlutha sonke isiqhamo, sisigcinele thina sonke?

IVEKI YESIBINI: AMANZI

Kule veki sikhumbula ukuba amanzi angcwele,sikwacamngca nangokungabikho kobulungisa bamanzi kuluntu lwethu

Isibingelelo singahonjiswa ziingqayi ezinamanzi.

Inkonzo ingaphethwa ngokufefezwa kwabantu ngamanzi njengesikhumbuzo sezifungo zobhaptizo

lwethu. ISikolo seCawe singakhokela uludwe lokuphuma njengomqondiso wokuba bangabona

basandul' ukubhaptizwa.

Isivakalisi sokuvula

Umlambo kaThixo uzele ngamanzi.

Inguquko

Senza ingxelo ngamaxesha esithe ngawo senza usafa-safa sawangcolisa amanzi,

singaqapheli ukuba angcwele, nangamaxesha esithe ngawo sabalibala abo bangakwaziyo

ukufikelela kumanzi acocekileyo nogutyulo.

UMTHANDAZO

Nkosi Thixo
Emanzini uveza kuthi iimpawu zoMoya wakho
Yendelisa kuthi ukuhlonitshwa kwamanzi akho obomi
Ukuze sibe nokusela ngokuzele ngakumbi isipho soMoya wakho onika ubomi
NgoYesu Krestu iNkosi yethu
Amen

Jeremiya 2: 1-13	Siwalile amanzi kaThixo aphilayo saguqukela kwizithixo zokuthanda ubunewunewu –ngaloo ndlela siyalitshabalalisa ihlabathi.
Indumiso 107: 33-38	Amanzi obomi azisa intsikelelo nokutya kwabalambileyo
KumaHebhere 10: 19-25	Amandla acocayo amanzi kaThixo
Mateyu 3: 13-17	UYesu wabhaptizwa kumlambo iYoredane – ithetha ntoni loo nto kuthi thina bantu bangene ngamanzi kusapho lukaThixo?

IVEKI YESITHATHU: UMHLABA

Siyabulela ngomhlaba osinika ukutya kwethu, siyiqonda intlungu yabo baye baphulukana nomhlaba.
Sikukhalela nokutshatyalaliswa komhlaba
Kungasetyenziswa isonka esisandul' ukubhakwa enkonzweni namhlanje.
Abantwana bangazoba nemifanekiso abo bantu basebenza umhlaba kwakunye nezilwanyana
nezityalo ezihluma kuwo.

Isivakalisi sokuvula

Ndaningenisa ezweni elimasimi achumayo, ukuba nidle iziqhamo zalo, nezinto ezilungileyo zalo

(Yer.2:7)

INguquko

"ukanti nakungena nalenza inqambi ilizwe lam, ilifa lam nalenza langamasikizi." (Yer.2:7)

Senza iingxelo ngeendlela esithe ngazo sawuphatha kakubi umhlaba: ukusebenzisa izibulala- zinambuzane, izichumiso ezenziwe ngezandla, imfuyo ewongameleyo amadlelo, ukwenza inkcitho njl.

UMTHANDAZO

Nkosi Thixo
Uwulondolozile umhlaba nezilo nabasemzini
Usibizela ekubeni senze ngokulula nangokukhululekileyo
Vula iintliziyo neengqondo zethu kubulumko beendlela zakho
ukuze ihlabathi libe nokuhlaziywa
Ize yonke indalo ibe nokubhiyozela inzaliseko yayo
ukuzukisa igama lakho
Amen.

Eksodus 23:10-13	Umhlaba kufuneka ukhe uyekwe ulale ukuze ube nokuthatha amandla. Kufuneka silungiselele amahlwempu nezilwanyana zasendle
Indumiso 65:1-13	Ubuhle bomhlaba bubonakalisa uzuko lukaThixo
Yakobi 5:4-14	UThixo uyasiva isikhalo sabasebenzi basezifama abaxhatshazwayo

Mateyu 20:1-16	UThixo uzikhathalele iimfuno zomsebenzi

IVEKI 4: IZINTO EZILAHLWAYO

Kungabekwa izinto ezilahlwayo ngasemnyango ecaweni njengokuba abantu bengena. Ulutsha neSikolo seCawe bangenza amaxwebhu abhaliweyo athetha ngezinto ezilahlwayo. Ningenza ucoco lweyadi yecawe yenu nesitrato ngaphandle, emva kwenkonzo. Zibopheleleni niyinkonzo ekubeni niza kubanciphisa "oomaphathwa-kanye" beeplastiki , ngangoko ninakho.

Isivakalisi sokuvula:

UYesu wathi : makungabikho zinto zilahlwayo (Yoh. 6: 12)

Inguquko

Cingani nzulu ngezinto ezilahlwayo, neeplastiki esizilahlayo. Kungakanani ukutya esikulahlayo?

UMTHANDAZO

Nkosi Thixo
Uqokelela onke amaqhekeza ukuze kungabikho nto ilahlekayo
Senze siqaphele intswela-nkathalo nokwenza kwethu inkcitho
Usifundise ukuba sabelane ngokuninzi okuphakathi k wethu
NgoYesu Krestu inkosi yethu. Amen

Isaya 24: 1-13	Izenzo zethu ziba neziphumo – yiva isijwili soMhlaba ngenxa yenkcitho yethu
Indumiso 74: 1-23	UThixo nguMdali ke kufuneka siyikhusele indalo kwintshabalalo
2 KwaseKorinte 5: 14-17	Kanye njengokuba sizizidalwa ezitsha kuKrestu – sikholelwa kwindalo entsha nasekuhlaziyweni kweHlabathi. Kufuneka sibe ngabantu bethemba. Inakho ukwenzeka inguqulelo
Yohane 6: 1-15	Ekondliweni kwabangamawaka amahlanu sibona imigqalisela kaYesu isebenza: wonke umntu uyondliwa, akukho nto ilahlwayo,konke okuseleyo kunikwa abo bangabona bakufunayo.

IVEKI YESIHLANU INDALO EYAHLUKILEYO (UFRANCIS ONGCWELE)

Namhlanje sibhiyozela ubuhle bendalo
ISikolo seCawe ingarhangqa isibingelelo nemifanekiso ebonisa indalo kaThixo.
Kusenokubakho nokusikelelwa kwezilwanyana
Ulutsha lunokwenza umdlalo osekelwe kubomi bukaFrancis oNgcwele (ukuba ubomi bakhe bebunokuba njani na kule mihla sikuyo)

Inguquko

Sicinga nzulu ngezidalwa ezininzi neentlobo zezidalwa ezisemngciphekweni. Sikwacinga

nangeendlela zokuqhuba kwethu ulimo, ngakumbi ukufuya iinkuku. Masisive isijwili kwezilwanyana zikaThixo.

UMTHANDAZO

Nkosi Thixo
Amandla akho angapheliyo abonwa kumnatha wendalo ngokubanzi
Ilizwi lakho liviwa kubuhle bendalo.
Simile kuthando lwakho, sanga singakunqula kunye nazo zonke izidalwa zakho
NgoYesu Krestu iNkosi yethu
Amen

INumeri 22: 22-35	UThixo uthetha ngedonki
INdumiso 104: 1-30	UThixo ubonelela ngokutya zonke izilwanyana ndawonye
	nezo zikude ebantwini.
KwabaseKolose 1: 15-23	Zonke izinto zabakho ngoKrestu yaye zonke izinto (ingengabo bonke abantu kuphela) zisindiswe ngenxa kaKrestu.
Luka 6: 43-49	Imithi elungileyo iya kuvelisa isiqhamo esihle. Indalo inakho ukusifundisa ngezokholo lwethu .

With many thanks to Rev Dr Canon Peter Mtuze